

Agasti  
2011PO Box 20  
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade		028 313 8000/8111 028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

• I-OVERSTRAND IGQWESILE NGOLAWULO LOMGANGATHO WAMANZI

## IKWINDAWO EPHEZULU NGANENO ESHUMINI KWIGREEN DROP

NgoLwesine umhla wama-30 kuJuni wama-2011, uMasipala wase-Overstrand uthiwe jize ngeembasa ezintlanu kwinkomfa yonyaka yoMgangatho waManzi eKapa.

Amaziko okucoca amanzi aseGansbaai (iFranskrall) noMlambo iBuffels kufuphi nePringle Bay kwakunye ne-Stanford Water Scheme afumene iBlue Drop, enikwa amaziko afeza umlinganiselo wama-95 ekhulwini okanye ngaphezulu ngokweziphumo zikazwelonke liSebe leMicimbi yezaManzi.

Iziko laseHermanus lokuCoca aManzi aMdaka lona ligoduke lifumbethe iGreen Drop, enikwa amaziko okucoca amanzi amdaka afeza ngaphezu kwama-90 ekhulwini ngokweziphumo zikazwelonke.

Kulo lonke eli, uMasipala wase-Overstrand uzibeke kwindawo yethoba kwiziphumo zikazwelonke zeGreen Drop.

UStephen Müller, uMlawuli weziSeko zoPhuhliso noCwangciso, uthi inkulu le nto siyenzileyo, ingakumbi le ndawo iphezulu azibeke kuyo enganeno eshumini umasipala malunga nokucocwa kwamanzi amdaka.

Kwingxelo yeBlue Drop, uMasipala wase-Overstrand uziqokelele amanqaku amalunga nama-90,5 ekhulwini ngamaziko akhe asibhozo amanzi, xa kuthelakiswa nama-66 ekhulwini kunyaka ophelileyo (2010) nama-42,5 ekhulwini (2009). Ukuze sifumane iwonga leBlue Drop bekuya kufuneka sifumane amanqaku angama-95 ekhulwini.

Iziko ngalinye kula lifumene la manqaku alandelayo: iHermanus eNkudlwana ifumane ama-87,23 ekhulwini (isuka kuma-75,31 ekhulwini), uMlambo iBuffels wona ibe ngama-95,07 ekhulwini (isuka kuma-63,83 ekhulwini).



Ekudluliselweni kwendebe yendawo yethoba kuzwelonke kwiZiphumo zeGreen Drop zowama-2011, ukusuka ekhohlo, ibinguMnu. u-Anderson Mancotywa, umongameli weZiko laManzi loMzantsi Afrika, uHanré Blignaut, use-kela-mlawuli weenkonzo zoononjineli kuMasipala wase-Overstrand, uNkszn u-Edna Molewa, uMphathiswa weMi-cimbi yezaManzi, kwanoPatrick Robinson, ingcali yomgaqo kuMasipala wase-Overstrand: ucwangciso loononjineli.

wini), yaza iKleinmond yaba ngama-93,09 ekhulwini (isuka kuma-60,08 ekhulwini), ize iStanford ibe ngama-95,15 ekhulwini, iGansbaai eNkudlwana ibe ngama-95,1 ekhulwini (isuka kuma-63,81 ekhulwini), iBuffeljagsbaai ibe ngama-75,37 ekhulwini, iBaardskeerdersbos ngama-93,68 ekhulwini yaza iPearly Beach yangama-94,31 ekhulwini.

Amanqaku eBlue Drop awayombonakalislo nje kuphela yomgangatho wamanzi kodwa ziziphumo zonke zeenkalo ezili-10 ezahlukeneyo ezilinganisiweyo, nezingama-26 ezihlonkileyo. Phakathi kwezinye izinto ezi nkalo zikwaquka iindlela zokuthintela iingxaki, ulawulo lwalo msebenzi, ulawulo lweenkqubo, umsebenzi osemgangathweni, ukuhanjiswa kweenkcukacha kwiDWA, ukupapashwa kweziphumo nolawulo lweempahla.

Umlinganiselo wolawulo lomgangatho wamanzi amdaka kumaziko amahlanu kaMasipala wase-Overstrand (WWTWs) ubungama-88,8 ekhulwini. Ukuze sifumane iwonga leGreen Drop bekuya kufuneka amanqaku angama-95 ekhulwini.

Amanqaku eziko ngalinye lokucoca amanzi kuMasipala wase-Overstrand kwiHermanus ibe ngama-92,1 ekhulwini (isuka kuma-66 ekhulwini), kwiHawston ibe ngama-87,9 ekhulwini (isuka kuma-57 ekhulwini), yaza yaba ngama-83 ekhulwini kwiStanford (isuka kuma-61 ekhulwini), yaza yangama-75,8 ekhulwini eGansbaai (isuka kuma-66 ekhulwini) ngoxa iKleinmond ibe ngama-82,5 ekhulwini (isuka kuma-66 ekhulwini).

Amanqaku eGreen Drop awabonakalisi nje kuphela umgangatho wamanzi amdaka kodwa sisiphumo seenkalo ngeenkalo ezisixhenxe, ezineenkalo esiHlonkileyo ezingama-20, kuquka inkqubo yokulawula lo msebenzi, ulawulo lweenkqubo, ukwenza umsebenzi osemgangathweni, ukuhanjiswa kweenkcukacha kwiDWA, ukupapashwa kweziphumo nezicwangciso zexeshana neze-xesha elide.

## SIGQEJWE ELINGOPHIYO

INTETHO YOKUKHAHELA KACEBA UNICOLETTE BOTHA-GUTHRIE, USODOLOPHU OPHETHEYO KAMASIPALA WASE-OVERSTRAND

Ukufa kukaTheo Beyleveldt, iLungu lePalamente nowayesakuba ngusodolophu wase-Overstrand, ngeCawa umhla wesi-3 kuJulayi kuyigqebhe elingatsitywa nayintwala iduma i-Overstrand ngenye yeenkokeli zayo ezinamandla nezinesiphiwo esingummangaliso. Banqabile ke abantu abafana naye. Ukuzondelela kwakhe nokuthanda iipolitiki kuza kukhunjulwa ngokwenene.

Ubesaziwa njengomntu obeka uluntu lwakhe kwindawo yokuqala, mhlawumbi ke leyo yenye yezinto eziye zayophula impilo yakhe. Ulukhonze ngentembeko uluntu lwakhe, kwaye mna ndibe nenyhweba engummangaliso yokungena ezihlanguwini zakhe kumasipala olungeleleneyo nonenkqubela.

UTheo ubengumntu apha othi afumane impumelelo kuyo nantoni na ayenzayo: njengenjuzwe kwezindlalalo, ijoni nomakhekwetha wezopolitiko. Ube-

ngengomntu uthanda ukusonga izandla, ikwaseso sizathu ke nangoku esabangela ukuba azibandakanye nezopolitiko. Ubekhokela kwelokuba ukwenza umahluko apha ngaphakathi kungcono kunezikhhalazo ezivela ngaphandle.

Utheo ubesaziwa njengomntu obathandayo abantwana, iinkonde neenkondekazi kwaneempula zikaLujaca. Njengesibini esingoosodolophu, yena nomkakhe, uMarianné, babesiwa bevuka bebopha amanxeba ezo ntsizana.

Eyona ndlela ingcono endingakhalela ngayo kule ndedeba kukuzeka mzekweni kwikhondo layo ngawo onke amandla am.



## OONOBENANI

Ukungabi nalwazi lwaneleyo okanye inkcazelo engachananga ingakhokelela kwiingxaki ebezinokuphepheka zohanjiso lweenkonzo zikamasipala. Lo Lindixesha wase-Overstrand unethemba lokuba olu luhlu lulandelayo lweengcebiso luya kwenza intsebenziswano yakho nomasipala kwixesha elizayo ibe ngamava amyoli ngokwenene.

- Abantu bamele baqiniseke ukuba banedilesi echanileyo xa besenza isicelo seenkonzo.
- Xa umntu exela ukuvuza kwemitha yakhe yamanzi, umele ajonge ukuba avuza ndawoni na. Ukuba avuza ngakwicala lakhe lemitha, ziya kuba yimhemhe yakhe ke zonke iindleko ezongezelelekileyo. Kwakhona umele azi ukuba kukho umahluko phakathi kweendleko zamaxesha omsebenzi kwezase masva kwamaxesha omsebenzi.
- Xa umntu esenza isicelo sokugutyulwa kwetanki lakhe lelindle, kodwa libe lophukile kwindawo eku-funxwa kuyo okanye kube kunzima ukufikelela kuyo, iya kuba yimhemhe yakhe zonke iindleko ezongezelelekileyo. Xa umntu enze isicelo esikhethekileyo sokufundwa kwemitha yamanzi okanye ukufundwa kombane, umele ahlawule.
- Ukuba kunzima ukufikelela kwimitha yamanzi kwaye ingakwazi ukufundeka, loo mntu ukwafanele ahlawule iindleko.
- Xa umntu esenza isicelo sokuba nemitha yamanzi okanye ukuqinisekisa ukuba imitha ifundwe ezo ndleko ziya kufakwa kwi-akhawunti yomntu lowo.
- Xa usenza intlawulo enye yee-akhawunti ezahlukeneyo, ufanele ucacise ukuba yimalini eya kwia-akhawunti nganye. Oku kusoloko kubangela ukuba enye intlawulo yezo akhawunti idlulelwe lixesha, nto leyo eyenza kufakwe inzala, iintlawulo zokuqokelelwa kwamatyala asemva neediphozithi zithi nyi.
- Ukungabali ngokuchanileyo ukuba ivela kubani okanye ivela kubani xa uhlawula nge-intanethi nakwiidiphozithi ezenziwa ngebhanki kuye kubangele umasipala angazi ukuba yeyantoni na loo mali. nto leyo eyenza kufakwe inzala, iintlawulo zokuqokelelwa kwamatyala asemva neediphozithi zithi nyi.
- Ukuba umntu ufamana i-akhawunti yakhe imva kwexesha okanye akayifumani konke konke, ufanele abuze e-ofisini kuba umhla wokugqibela wokuhlulwa kwe-akhawunti uhlala ungumhla wama-20 enyangueni.

## IHLABATHI LOLULA ISANDLA SOBUHLOBO

Ngenxa yesiganeko sakutshanje sokwamkela inkomfa yonyaka yesithili yamalungu eRothari, ebesibanjwe eHermanus no-nyakanje, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie waye wamenywa ukuba azibandakanye neqela eRothari lwasekuHlalani njengelungu embeko. Ethabathekile ngenxa yemigaqo, imisebenzi kwakunye nemfanelo zeyona ntlango indala yenkonzo ehlabathini, uSodolophu uyamkele njengembeko nenyhweba kwaye naye wakrotiswisa kusingaye lo ngomhla we-23 kuJuni wama-2011. apha wayesamkela ibheji yakhe kwanesandla sobuhlobo nobudlelane esimnyanisa namanye amalungu abetha ngaphaya kwesigidi esi-1,2 kwihlabathi liphela aphuma kumaqela amalunga nama-34 000.



**PHEZULU:** Abebekhusela intshinga i-Salim United kunye no Sodolophu u-Nicolette Botha-Guthrie, uBulelwa Mbane (okwezemidlalo nezolonwabo), kunye no Mnu Morris Thabalala. **EKUNENE:** I-Siyadlala Ladies ibambe indebe.

## ISALIM UNITED IPHINDE YAGODUKA NENTSHINGA

Iintshatsheli ezikhusela indebe yazo iSalim United ziphinde zenza into ezidume ngayo ngokuthi ziphume phambili kuKhuphiswano lweNdebe kaSodolophu wase-Overstrand ngoMgqibelo umhla we-18 kuJuni kwiBala leMidlalo laseZwelihle.

Kwiimeko ebeziwuvumela kakuhle umdlalo webhola ekhatywayo, eli qela laseMount Pleasant kuye kwafuneka lifikelele kwiipenalti ngaphambi kokuba lizibethele oogqirha nezicaka iiSweepers zaseZwelihle. Kanti yona iZama-Zama yaseGansbaai ivele yazikhethe indawo yesithathu.

Abathandi bebhola ekhatywayo bona bathi kuyacaca ukuba bekudibene ingwe nengonyama kulo mdlalo wamagqibela kaNkqoyi, into abebeyizibula kulo mmandla wethu.

Kusuku lokugqibela lokhuphiswano lweNdebe kaSodolophu lwalo nyaka ibinguphantsi naphezulu kumaqela amane amadoda namaqela amane abasetyhini kujijiswana ngokuba ziintshatsheli zase-Overstrand. Ibingenomntu ebekhwele phezu komnye kungekho nendawo yokunyathela kwibala lemidlalo ngabaxhasi abebephu-ma mbombo zone zalo masipala.



Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie wenze amazwi ambalwa enkuthazo ngaphambi uqalise umdlalo: "Ndifuna ukuthi 'Huntshu' kuwo onke amaqela athe anenxaxheba kolu khuphiswano ngokuthi afikelele kumagqibela kaNkqoyi kwaye ndithi 'Maz' enethole' kwiqela lasekuhlaleni eliququzelela lo mcimbi ngomsebenzi omhle eliwenzileyo!"

Ukwathe umasipala uyigqala imidlalo njengendlela yokudibanisa nokumanyisa abantu. Ukhuphiswano lombhoxo lwakutshanje nalo lwaba nempumelelo engathethekiyo, kwaye ngoku umasipala ucinga ngokwenza ukhuphiswano lwebhola yeqakamba, utshilo uSodolophu uBotha-Guthrie.

Kukhuphiswano lwamanenekazi, iSiyadlala Ladies yaseZwelihle iphumelele ngokukatsa kanobom iiMighty Ladies ngamanqaku ama-3 e-0. Kanti ke zona iiReal Pioneers zaseGansbaai zibethwe zalala kwindawo yesithathu.



## IMILONJI ESELULA EQONGENI

NgoLwesine umhla we-11 ku-Agasti ngentsimbi yesi-19:00, umdlali wefleyithi onendumasi uDawid Venter, ekhatshwa "ngomnye wabadlali bepiyano bodumo bexesha lakhe", uBen Schoeman, uza kube esenza izinto zamehlo kwiZiko loLuntu lase-Overstrand. UDawid uphumelele iimbasa ezinkulu eziliqela kwakunye nezibonelelo zemfundo, eMzantsi Afrika naseFransi. Ukanti okaSchoeman yena, ongaqaliyo ukubek' umcondo wakhe kwiHolo yaseHermanus, yiMvumi ESELula yeStandard Bank. Esi sibini siza kube sitshila ngemiculo yezinto zooBach, uFrancis Poulenc, uFrancois Borne, uHenri Dutilleux, uPierre Sancan kwakunye noCharles-Marie Widor. Amatikiti ngama-R80 (ama-R40 kubafundi), kwaye ungazibekela indawo eBELLINI apha 028 312 4988. Tsalel' umnxeba uRené du Plooy apha 082 940 4238 ngayo nayiphi na imibuzo ebhekele phaya onayo.



**0800 701 701**

## Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala?

Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi **SMS** kule nombolo **082 338 1631** okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwifosi yokurhafa ekufutshane kuwe.

